COOKHOUSE WINDFARM

Q3 2023 ISIGIDIMI SEENDABA

INKXASO **YEZEMIDLALO**

Siyazingca ngokuba sixhase ngemali umsitho wokubhiyozela iminyaka engama-110 weLily-White Rugby Football Club, eAdelaide. Abadlali bezizukulwana ngezizukulwana zexesha elizayo kunye nabanye abaxhasi ababalulekileyo beklabhu ababedibene bebhiyoza kunye, uninzi lwabo lwafumana iimbasa ezikhethekileyo kwaye kwabhengezwa igalelo labo kwiklabhu.

Njengenxenye yemibhiyozo, sanikela ngempahla yokudlala ezizinto zokunxiba ezintathu zeqela loku-1, ukuquka nezikipha ezinamagama okushishina ezingama-80, nezikipha zegalufa ezingama-20 kunye neekepusi ezingama-20, kwakunye neebhanile ezisisikhumbuzo. Iinkonzo zokutya, zokuhombisa, kunye nezokufota zafunyanwa ekuhlaleni, oko kunegalelo kuphuhliso lwezoqoqosho lwasekuhlaleni.

Ngenxa yokuba ineminyaka emininzi ikhona, iklabhu ivelise abadlali bamabhokobhoko abathathu kunye nabadlali bephondo abaninzi kwaye ibe luphawu lwethemba kulutsha.

INKQUBO YENKXASOMALI **YE-ECD**

Njengenxenye yesicwangcisoqhinga sendlela yokuphuma seProjekthi ye-ECD, amaziko amane e-Early Childhood Development kwidolophu nganye kwezo zingabaxhamli ayechulumance kakhulu ukuya kwawo ebhankini kule kota, emva kokuba ngalinye kuwo lafumana amabhaso emali engama-R25 000.

Eli phulo lalijonge ukuqinisekisa ukuba amaziko e-ECD anciphisa ukuxhomekeka kwawo kwiprojekthi aze ke abe nako ukunyusa ingxowamali ngokwawo. Kwakukho imijikelo emibini yemali yesibonelelo eyavulelwa onke amaziko angama-25 ukuba athabathe inxaxheba, ukuba azilandele izikhokelo ezimisiweyo.

Iqela labevi elalibandakanya iCookhouse Wind Farm kunye ne-Early Inspiration, umasibambisane wethu kwezoqeqesho, lavumelana ngabaphumeleleyo abane, abangaba, isiKolo saBantwana abaselula iKhanyisa eAdelaide; iZiko le-ECD iKinder Joy, yaseBedford; iMsobomvu Family Development, yaseCookhouse; kunye neKlein Begin Dagsorg, yaseSomerset East.

INTSEBENZISWANO: **IPROJEKTHI YOKWAZISWA KWAMAKHONDO ANOKULANDELWA**

Ngaphezulu kwabafundi abangama-500 baxhamla kwiProjekthi yoKwaziswa kwamaKhondo anokulandelwa, eyathabatha iintsuku ezimbini, ekuqaleni kwalo nyaka.

Le projekthi, eyamiselwa yiCookhouse Wind Farm ngowe-2021, ngunyaka wayo wesibini lo isebenzisana neCookhouse Wind Farm Community Trust kunye neGolden Valley Wind Farm. Injongo yale projekthi kukubeka esichengeni abantwana besikolo samabanga aphezulu kwimihlaba yokufunda eyahlukeneyo kunye nokunika inkxaso ngebhasari kunye neemalimboleko zokufunda.

Njengenxenye yeprojekthi, ulutsha lwasekuhlaleni olungama-24 lwaqeshwa okwethutyana lwaba ziimashali. Ababonisi kumsitho lowo babebandakanya iiyunivesithi ezine zaseMpuma Koloni, ii-TVET Kholeji ezimbini, abanikinkonzo bolawulo lweebhasari ababini kunye ne-Agri-SETA.

Amashishini asekuhlaleni nawo axhamla kwiprojekthi kuba ayenikezela ngeenkonzo zezothutho, zolungiselelokutya, zokuhombisa, zenkqubo yokuthetha ngemiboko, kunye nezokwenza iividiyo ezafumaneka ekuhlaleni.

UKUBHIYOZELA IMINYAKA EMI-5 **ECOOKHOUSE WIND FARM**

ULifa Baskiti (CLO) **Imibuzo&iiMpendulo**

Ihambo yakho neCookhouse Wind Farm iqale nini?
Ndiqale nge-1 Septemba 2018

Ungathi lunjani uhambo lwakho uza kuthi ga ngoku?
Ibiyindimbane yeminqantsa echulumancisayo kunye neentlambo ezimbalwa ezimnyama, kodwa ezonwabisa ngokumangalisayo.

Yeyiphi into oyithanda kakhulu ngomsebenzi wakho?
Umsebenzi weNtsebenziswano noLuntu ubalulekile kuba abachaphazelekayo bakubona njengophambili kwinkampani. Kukhona inqanaba lokuyekelela elihlangana nendima edlalwayo kuba uluntu luyatshintshatshintsha, ngalo umzuzu luzolile kuze ngolandelayo kube yingxushungxushu, kwaye ke kufuneka uze nezisombululo nangawuphi na umzuzu.

Ingaba kukho naziphi na izinto ozikhumbulayo ezizodwa okanye ezibalaseleyo?
Zingaphezulu kwenye, zisukela ekunikeni uncedo uluntu ngexesha lentshabalalo le-Covid-19 ukuya ekuxhaseni ngemali umsitho owawusasazwa kwi-DSTV kunyaka ophelileyo. Eyona nto yayisonwabisa umphefumlo kukuva abantu jikelele bencoma inkampani yakho bengakhange bacelwe ukuba benze njalo, kuba bayabona ngokwenene indlela iCookhouse Wind Farm etshintshe ngayo iimpilo zabo. Akukho okudlula oko!

2023 IINDIBANO ZOLUNTU **EZIZAYO**

Linkcukacha malunga neendibano ezizayo ziza kuncanyatheliswa kwiibhodi zezaziso zoluntu.

INKCITHOMALI YEKOTA **(Q3 2023)**



NXULUMANA **NATHI**

12 Main Road Cookhouse

Ngeyure zokusebenza: 08:30 -17:00

Umnxeba: +27 42 247 2961

UMncedisi weMisebenzi yoLuntu | Adelicia Horne
Adalicia.horne@cookhousewind.co.za

Igosa lezoNxibelelwano loLuntu | Lifa Baskiti
lifa.baskiti@cookhousewind.co.za